# IPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI

## VAKALAISA ULUVO LWAKHO

### AMANGENELELO NOMANYELO-ZIMVO ZOLUNTU NGOMTHETHO OSAYILWAYO WONGCOLISEKO LOMOYA LWE-OLI YONXWEME (UKULUNGELA, IMPENDULO NENTSEBENZISWANO) [B 10B–2022] (NCOP)

IKomiti eSisigxina kuRhulumente woMmandla, iMicimbi yezokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso yePalamente yePhondo leNtshona Koloni iza kuqwalasela uMthetho oSayilwayo woNgcoliseko loMoya lwe-Oli yoNxweme (ukuLungela, iMpendulo neNtsebenziswano) [B 10B–2022] (NCOP) njengenxalenye yamaxanduva ayo omgaqo-siseko.

Injongo yoMthetho oSayilwayo woNgcoliseko loMoya lwe-Oli yoNxweme (ukuLungela, iMpendulo neNtsebenziswano) [B 10B–2022] (NCOP) kukuqalisa iSivumelwano saMazwe ngamazwe ngokuLungela, iMpendulo neNtsebenziswano kuNgcoliseko loMoya we-Oli, 1990; kwakunye nemiba enxulumene noko.

Abo banomdla ebonisaneni kuye neKomiti eSisigxina bangangenisa iintetho ezibhaliweyo (i-imeyile: jcoetzee@wcpp.gov.za) okanye benze iintetho zomlomo ngokuthumela amanqaku elizwi kuWhatsApp (inombolo yomnxeba kanomyayi: 082 921 2242), kwaye bangaphinda bacele ukuvela phambi kwale Komiti ukuze benze iintetho zomlomo.

Onke amangenelo kunye nezicelo zokuvela phambi kweKomiti eSisigxina mazifike kwiKomiti eSisigxina ungadlulanga owama-24 Januwari 2025.

Amangenelo angqalileyo, imibuzo nezicelo mazifike kuMnu Johan Coetzee (umnxeba: 021 487 1717 okanye i-imeyile: jcoetzee@wcpp.gov.za). Nceda uquke igama lakho elupheleleyo kunye nedilesi ye-imeyile kwanenombolo yonxibelelwano xa ungenisa iintetho kwiKomiti eSisigxina.

Lo Mthetho oSayilwayo uyafumaneka kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni eyile: www.wcpp.gov.za.

Iikopi zoMthetho oSayilwayo ziza kuthunyelwa kubantu abanomdla xa ziceliwe.

**Sikhutshwe nguMnu D Bryant (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kuRhulumente woMmandla, iMicimbi yezokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso.**